



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 11

NOVEMBA 2013

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P3

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama – 6.

IMIYALELO KUNYE NENGCOMBOLO YOLWAZI

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:
ICANDELO A: Izincoko (50)
ICANDELO B: Imihlathana emide (30)
ICANDELO C: Imihlathana emifutshane (20)
2. Phendula umbuzo ube mNYE kwicandelo ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala icandelo ngaliNYE kwiphepha elitsha.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe phambi kokubhalwa kwesincoko.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-80 ubuncinci kwiCANDELO A. Imizuzu engama-40 kwiCANDELO B nemizuzu engama-30 kwiCANDELO C.
8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo. QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.
11. UBUDE BEEMPENDULO:
ICANDELO A: Izincoko- Bhala isincoko esili-140–190 amagama.
ICANDELO B: Imihlathana emide- Bhala ama-80–100 amagama.
ICANDELO C: Imihlathana emifutshane- Bhala ama-60–80 amagama.
[umxholo kuphela]

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-140–190. Apho ungasinikwanga khona isihloko sinike.

- 1.1 Ukubaluleka kwemithi. [50]
- 1.2 Kungenziwa ntoni engingqini yakho ukuze kuhlale kucecekile? [50]
- 1.3 Ukuba ngumntu onempumelelo kukuba nolwazi. [50]
- 1.4 Kulungile na ukuba abantwana abaneminyaka elishumi elinesibini(12) ubudala ukuba bazenzele izigqibo ngokuthandana nokwabelana ngesondo? [50]
- 1.5 Xa ndicinga loo mini uncumo lusuke lume ngeendlebe intliziyo ixhume kukonwaba. [50]
- 1.6 Yonela yilo nto uyiyo. [50]
- 1.7 Jonga lo mfanekiso ungezantsi uze ubhale isincoko.



[Ithathwe kwiifoto zomseti] [50]

1.8 Jonga lo mfanekiso ungezantsi uze ubhale isincoko.



[Ithathwe kwiifoto zomseti] [50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

UMBUZO 2

Chonga umhlathana omde ube mNYE kuphela. Bhala ama-80–100 lamagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

2.1 ILETA ESESIKWENI

Ulungiselela ukuya kufunda edyunivesithi, bhala ileta ucele indawo yokufunda kulo dyunivesithi ofuna ukuya kufunda kuyo. [30]

2.2 INGXOXO YABABINI

Kuphambi komdlalo waBafana Bafana neGhana, abahlobo ababini basendleleni eya ebaleni ekuza kudlalelwa kulo lo mdlalo. Baxoxa ngokuphumelela kwala maqela. Apha kubo omnye uthanda aBafana Bafana omnye uthanda iGhana. Bhala le ngxoxo yesi sibini.



[Ithathwe kwi-intanethi] [30]

2.3 INQAKU LEMAGAZINI

Bhala inqaku lemagazini yesikolo nangayiphi na into onomdla wokuyiveza. [30]

2.4 IMIZUZU NE-AJENDA

Ungunobhala wombutho wezolonwabo esikolweni sakho. Bhala i-ajenda nemizuzu yentlanganiso yokulungiselela umdaniso weValentina (Valentine's dance) ebeniyibambile. [30]

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE**UMBUZO 3**

Bhala umhlathana omfutshane ube mNYE kweli Candelo. Umhlathana lowo ube ngamagama angama-60–80 ubude. Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

3.1 UNGENISO LWEDAYARI

Ulungiselela itheko lokuvuyisana nodade wenu ophumelele isidanga sezoQoqosho. Yenza ungeniso kwidayari yakho lwentsuku ezintlanu eziphambi kwetheko elo. Bhala ngamalungiselelo eli theko.

[20]**3.2 ISIMEMO**

Ubhuti wakho uyatshata ngoDisemba, bhala isimemo somtshato wakhe.

[20]**3.3 ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Uza kuvula ivenkile yokutya, yila intengiso yokutya oza kuthengisa kule venkile yakho.

[20]**AMANQAKU ECANDELO C: 20****AMANQAKU EWONKE: 100**

